



Utitshalakazi uMvundlana

IsiXhosa

Harold Gondwe



Utitshalakazi uMvundlana

Ibhalwe nguHarold Gondwe
Izotywe nguKaren Ahlschläger



Iguqulelwe nguNontsikelelo Ntusikazi



Utitshalakazi uMvundlana, useklasini,
ufundisa abafundi ngeendidi ezahlukeneyo
zemisebenzi.

“Shi-i-i, mamelani bafundi! Khanikhe nithule
nithi cwaka, niyekе ukungxola.”

“Namhlanje siza kufunda ngemisebenzi eyahlukileyo onokuyenza wakuba ugqibile ukufunda.”

“Masikhe siqale kuwe Fudwazana.”





“Mna Misi, ndinqwenela ukuba ngumqhubi weteksi.”

“Yhu, hayi bo, Fudwazana! Baya kusoloko befika emva kwexesha emisebenzini abantu kuba kaloku wena uyangotha,” yatsho inji iphelile yintsini, ihleka uFudwazana.



“Mna Misi, ndifuna ukuba yinja yamapolisa,”
watsho uNja.

“Khawuthule Nja, khange ndithi thetha.”

“Masikhe sive kuwe Katana.”

“Misi, mna ndinqwenela ukuba ngugqirha
ukuze ndikwazi ukutofa abantu
aboyika isitofu.”



“Yhoo, ndiyasoyika mna isitofu,” watsho
uMpukwana ngelizwi elincinci.



“Masikhe sibone abafuna ukuba ngabakhandi
beemoto.” UNdlulamthi noHagwana
baphakamisa izandla.

"Ingaba apha kuthi, bakhona abanqwenela
ukuba ngabAlimi?"

"Hayi, hayi, asifuni kungcoliswa ngumhlaba
thina," watsho uBhokhwe.



“Mamelani ke, ukuba asinabo abalimi, sonke siya kufa yndlala,” watsho utitshalakazi uMvundlana. “Misi, ndiza kuba ngumlimi mna,” watsho uDonkana.



“Nonke ke senisichazele ukuba nifuna ukwenza yiphi imisebenzi, nguHashe yedwa ongekasixeleli.”

“Titshalakazii, mna ndinqwenela ukuba lihashe lomdyarho khonukuze ndibe nemali eninzi.”



Bonke abafundi bamqhwabela izandla
uHashe baze bathi, "Sonke siya kufuna
ukuba nemali eninzi!"



IMIBULELO KWABA

Ibhalwe ngu

Harold Gondwe

Izotywe ngu

Karen Ahlschläger

Umhleli

Mavis Ndlovu

Umhleli

PixelPing Design

Iguqulelw e siXhoseni ngu

Nontsikelelo Ntusikazi

Oqinisekise ukulunga kwebali ngu

Vuyokazi Mbele Ludidi



ISBN 978-0-638-00675-9



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

